

# Imvo Zabantsundu

Authorized Medium of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN, NGO-MGQIBELO, JANUARY 15, 1887

[No. 114.]

JOHN J. IRVINE & CO.,  
ISITORA ESITSHA,

Sengubo nobu QeleGele  
beza Mankazana,  
E-QONCE.

Ezamadoda Ihempe, 1/- 1/3, 1/6  
Ibhulukwe Ze Kodi, 5/-  
Eze Twidi ibhulukwe, 4/-  
Ibatyi ze Twidi (iqukunjelwe yonke) 6/6 Eze  
Twidi .Suti, 16/9  
Ikeleko, 2.5d.  
I Printi (intlobo ezintsha) 3d.  
I Linzi, 3.5d  
Ityali ezimnyama, 2/-

Alikazanga libeko elinjengeli icam.

Indlu Yamayeza

Lo ogama lise zantsi unqwenela ukwazisa  
Labantu banga pesheya kwe Nciba ukuba  
ngoku uli Gosa lo B. G. LENNON & CO. (abona  
banganisi mayeza bayi ntloko e Koloni) unokuba  
tengisela amayeza ngama xabiso ase Dolopini.  
Nelinjanina nalipina iyeza liko, okanye linoku  
fumaneka ngexesha elifutshane. Kanilinge  
umxube ka B. G. L. we Fiva (cesina) ongekoyiswa.  
Imali inqabile ke kunga banjiswa nge  
gusha ne bokwe nenye impahla ilinganiselwe  
ixabiso layo. Elona gosa likulu e Transkei, ngu

P. H. POTTER.

UNGA UNGAGCINA IMALI NA ?

Ukuba kunjalo zitenge ingubo zako kwa

BROOKS,

63, BATHURST STREET,  
E RINI.

SUTI ziqala kwi 18/6. Ibhulukwe ziqala  
kwi 5/6; Ibatyi kwi 7/6; Ihempe kwi  
1/-, njalo njalo, kuzo zonke izinto zalendlu.  
U BROOKS utengisa ngezona suti zobu  
jentilmane ezomeleleyo, ezenziwe ngomya-  
lelo ngabasiki base London. Qiniseka ukuba  
ziyaka kuhlala—ziqala kwi 40/; Ibhulukwe  
12/6. Amakulukulu. entlobo ngentlobo onga-  
nyula kuzo.

Xa umntu aye kusika ushiya 10/. angati  
ayifumane kwakona ukuba ingubo azimkoli-  
sanga.

W. BROOKS & CO.,  
Abatengisi bengubo zokunjelwa,

CHARLES J. STIRK,

Umtengisi we Mpahla eyi Ntsimbi ayi-  
tengisa ingumqulu na nganye,  
CHURCH SQUARE,

E-RINI

Kwabo bafuna Into ezintsha  
ezintle !

Buzani kuzo zonke ivenkile enime- lene  
nazo impahla engaba ziyi tunyelwa sisitora  
sakwa

Aluveni, esise Qonce

YIYANI NONKE UKUYA KUBONA  
INGUBO

IMINQWAZI

IHEMPE

IZIHLANGU

IZIKAFU NEZIGUBUNGVELO

ITYALI

IPRINTI

IZITOFU ZOKUNXIBA

Nezinye into ezininzi kakulu ukuba  
zikankanywe.

Indlu eseituyelwa kuzo lempahla  
zezo

YUZI .. Egcuwa

Nakwa-Ndabakazi

HEDENI .. Emtata

Kuzakuvulwa ivenkile eyofunyanwa  
kuyo impahla epuma kwisitora sakwa  
Aluveni ku Lubisi Ebatenjini (Southey-  
ville).

Into yonke etengiswa kwezindawo itshipu  
intle kanye.

Kunikwa amaxabiso alungileyo kanye kwe-  
zindawo zikankanyiweyo ngayo yonke into  
etengiswayo ngabantsundu enjengokudla, ne-  
zikumba njalo njalo.

JOHN J. IRVINE CO.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

KEEP WELL ASSORTED STOCKS OF

Hardware and Ironmongery,

BUILDING MATERIAL,

Groceries & Oilmen's Stores,

BRUSHWARE  
PAINTS, OILS, AND VARNISHES,  
Pots—Kafir Hoes—Red Ochre—Cutlery, &c.—  
for Native Trade.

ROUGH GOODS OF ALL KINDS.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

Amayeza ka Abantsundu

U MZI ontsundu ucelelwa ukuba  
ukange-  
lise lamayeza abalulekileyo.  
Elika

COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxazo.  
1/6 ibotile.  
Elika

COOK Iyeza Lokukohlela  
(Lingamafuta).  
1/6 ibotile.  
Aka

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe.  
9d. ibotile.  
Elika

COOK Iyeza Lepalo.  
1/6 ibotile.  
Ezika

COOK Ipils.  
1/ Ngebokisana.  
Eka

COOK Incindi Yezinyo.  
6d. ngebotile.  
Oka

COOK Umciza Westepu Sabant-  
wana.  
6d ngebotile.  
Oka

COOK Umgutyana Wamehlo.  
6d ngesiqunyana.  
Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK,

Chemist,

E QONCE.

AMAYEZA

ADUME KUNENE,

KA

JESSE SHAW (U-Nogqala),  
E-BHOFOLO.

Enziwa ngeniti ekula apa e South Africa kupela

LAMAYEZA aya yalazwa kakulu ngumninivo,  
ngexa yoku nginela kwawo nezo zifo  
enzelwa zona; ngenxa yoku kaula uku nceda  
noku ngawenzakalisi umzimba; ngenxa yobu  
panti sexabiso lawo; ngenxa yokucocoka ekwe-  
nziweni kwawo; ngenxa yokingabi nasikwa  
setyefe; nangenxa, yokuba enziwe ngemifune  
enginwayo ukuba ingamayeza.

UMPILISI WENENE (The Sure Cure);  
Umciza ogazange ungakupilisi ukuluma kwe  
oka, nezinye inunu.

ELONA (Specific).  
Elona yeza lesifo so Xaxazo lwe gazi nezinye izisu  
ezakatazo.

UM-AFRICA (Africanum).

Umciza ongenzi xesha ukulipilisa Izinyo.

UMFUNO 'YEZA (Herbal Tincture).

Elingoyiswayo zingqangambo zendlebe, nezo  
bunzi, nokubeta kwentioko yonke.

UMHLAMBI 'LISO (Eye Lotion.)

Ovena mpilisi wamehlo abulalayo.

UMGEDI ORARAYO (Herbal Alkaline

Aperient).

Eliqinisekileyo ukunceda ukungayi Ngasese,  
ukungatandi kudla, leesine nento ezinjalo.

UHLIKHLA (Embrocation).

Amafuta omi okupilisa ukuqagamba komzimba.,  
Ukuti-Nqi kwa malungu ukuxazaka, njalo, njalo.

UMDAMBISI (Soother).

Amafuta omi okupilisa ukutsha, ukutyabuka.  
nezinye.

UMNCWANE WESIHLAHLA

(Confection of Rhubarb).

Incindi yoku gada iziswana ezikatazo zentsana,  
nezabantwana.

UMATINTELA (Antispasmodic).

Umciza wokupilisa ukuqunjelwa nezitepu nezinye  
nkatazo.

UMOMELEZI WASE INDIYA

(Indian Tonic).

Iyeza elilunge kunene kwizilo zokuba butataka,  
nokuqatandi ito itiywayo.

UBUGQI (Magic Healer).

Amafuta akupilisa msinyane ukusikwa nezilonda  
njalo njalo.

IGUDISA (Emollientine).

Into elunge kunene elanjiswayo ebenza bubebu-  
hle bugude ubuso.

UMGUTYANA (The Powder).

Lisetyenziswa nelj kutiwa "Lelona" xa isifo  
sokuhamba igazi sendele.

Izalatio zendlela yoku wasebenzisa zishicilelwe  
ngokuzalisekileyo zafuwa nca kwi bhutlana nezi-  
tohlana ngazinye, eziti zakulundelwa ngokufez-  
kileyo angaze angapilisi lamayeza. Ngekungabiko  
kaya, nandlu, namhambi ungenawo lamayeza esi-  
rwece sokulumelela okungekhehi.

Akandwa enziwa ngu JESSE SHAW, Igqira  
elisebenza ngemciza, e Bhofofo, atengiswa nguye  
nge bhokisi nange Bhotile nangamagosa ake kwi-  
nkoliso vedolopu zale Koloni yonke, e Natal,  
State, e Transvaal, nase Indiya.

AMAGOSA ALAMAYEZA—

E Qonce—Dyer A Dyer, Malcomess A

Drummond & Co.

E Nqamake—Mrs. Savage.

E Monti—B. G. Lennon 4 Co.

E Rini—E. Wells.

E Dikeni—R. Stocks.

E Komani—Mager & Marsh.

E Bhayi—B. G. Lennon & Co.

Engqusha—W.A. Young, Esq.

I kaya lawo e Fort Beaufort kwa Nogqala.

Mr. J. A. BRIDGE

Igqira Lamazinyo,

No. 1, DOWNING STREET

E QONCE.



**Imvo Zabantsundu**

NGOMGQIBELO, JAN. 15, 1887.

Ukubhuka  
kuka Mr. J.  
J. Irvine.

**U**GQITILE umhlobo  
omkulu nobuhlu-  
ngu womzi ontundu u  
Mr. JOHN J. IRVINE. Ubhubele  
kwela Mangesi ngo 2

e London  
January 1887. Sisentsizini. Ama-  
nqaku esingati siwenze ngalompanga  
selengabonakala kwelezayo.  
Umzi wakowetu wenzakalwe ka-

**Impawana.**

Kute ngokusuka lingashicilelwa elipepa  
le "Mvo" ngeveki egqitileyo suka yayinku-  
ngu nelanga ingxoxo ngenxelo ezifanele  
ukungeniswa. Soda noko sizishube. Kodwa  
lento yobuncane bemvaba yomzi nge ise  
iwungenisele isitukutezi umzi omkulu kanga-  
ka ukuba ibingenguwo lo wakowetu ongati  
antshwabulo yayibhekiswa kuwe yokuba  
woti usiva ube ungewa, ubona ube ungaboni,  
hleze usinde.

U Rev. P. J. Mzimba wase Lovedale un-  
etno ayibhale ngolwimi lwama Ngesi ene-  
ndawana evusa ingxoxo kayo yombini—owa  
Mangesi nowamu Bhulu—imizi emhlope.  
Lenteto yeti "Um-Afrika makapume kanye  
yena kwinto zolaulo, ayekele Omhlope ukuba  
ampate." Amangesi amangaliswe yilento  
Amabhulu awavuyinje emi ngamlenze "mnye.  
Sitho ngesikulese kwi koranti zalomizi yo-  
mibini. Abaya kuzinika inxamleko yokule-  
sa ingxelo yo Manyano bayakufumana uku-  
ba lenteto seyihambe yada yakufika kuma  
tshawe angu.

U MR. BEN SAKUBA Uchazile koyo  
ukuba incwadi yabhalwa into enge-  
kuye yimpindulo, kuvakala ukuba ya-  
tunyelwa ku Mongameli wo Manyano.  
Ute i President yase Gcuwa u Mr. Geo.  
Pamla ulundwendwe lwale ntlanganiso  
kusalungile ke ukuba acelewe asipe inteto  
apendula ngayo ku Mr. Makiwane.

U MR. J. J. JABAVU uvumelene nelo-  
kuba simve u Mr. Pamla.  
VICE-PRESIDENT: Pambi kokuba  
acelwe u Mr. Pamla ngekuke kuvike  
kumalungu ayeko e Rwarwa umpunga  
wento eyatunyelwa kuye.  
REV. E. MAGABA: Emva kokuba sitye  
igusha ezintatu e Rwarwa singeba ngapi  
(kwahekwa), noko lingaxelwanga lonke  
inani letu, Umongameli wavelisa icebo  
lalencwadi kutetwa ngayo. Wonke uba-  
ni usasiakumbula isaziso esasivulela uselo  
lwebulandi pesheya kwe Nciba, kwaza  
kwako ntlanganiso enkulu e Gcuwa yo-  
kwakusha lonto. Okunene yacinywa esa-  
zisweni londawo ivulayo. Akwanela  
kuba abuvulwanga impela kwenziwa  
ituba lokuba bungafumaneka xa umntu  
aye nepapa lemvelulo. Ukuchasa lonto  
kuyakele imizamo yabafundisi bodwa  
nezinye izihlobo zabantsundu kwatshiwo  
e Palamente—ayibonakalanga imizamo  
yabantu bapeshuya kwe Nciba kweso  
situba ebulandini nangokumelwa e Pala-  
mente alivakalanga izwi labo.

U MR. J. J. JABAVU: okunene lwalu-  
njalo uluvo lwentlanganiso e Rwarwa,  
yayifuna uluvo lwapesheya kwe Nciba  
kuba uluvo lwabantu bakona lunexabiso  
njengolwaba lapa.

U MR. G. PAMLA: Ute eligama lobu Pre-  
sident limgqitile kuba kulindlele izinto  
nenteto ezinkulu ezizuma kulo angenzayo  
yena, uyakwenza mbalwa. Wayifumana  
incwadi ye President neye Secretary yolu  
Manyano. Ngokutotywa kwemivuzo yo-  
"Titshala belazwe baxoxa kakulu bechasa  
ngamandla ezintlanganisweni zabo aban-  
ceda nto yapulwa noko kwatitwa ipoti  
izimbini eshumi. Benza imizamo  
emikulu ngotywa. Abarwebi bacelele  
imvelo yenyanga ezintatu baxolela  
Ukubhatala imali yomnyaka betengisa  
ngezonyanga zodwa kodwa ngenxa ye-  
ngxolo eyenziwayo yati nento eninzi  
eyayiseyizini kwe Macfarlan ngenxa  
Inti ati akatandi kufane axoke ngayo luvu ne-  
simo sabantu bapeshuya kwe Nciba apo  
baqubela kona. Yona ibulandi ayitengi-  
swa, akuselwa, nangona beko abeyabo  
ngasese, lona inxila elipete ibotile unge-  
boni. Ngokudibana nolu Manyano ute  
eyabo ntlanganiso yahlukile kulo, kuba  
yona yeyokunceda iziqu zabo. Akutetwa  
sixhosa kuyo, nokuba ilungu alizisi iku-  
ngesi linyanzelwe ngumteto kulo lisi-  
mshe xa litetayo (kwahekwa), ekubeni  
kule yo Manyano kutetwa Isingsi ne Si-  
xhosa ngokufanayo. Wazilungiselela  
ukuba kubonela ukupatwa kwentlanga-  
niso ukuze abikele amapeshuya kwe Nciba  
babone into abangayenzayo kuyo uku-  
zimanya nayo nokuzimela bodwa. Ngo-  
kumelwa e Palamente abazange baxole-  
lwa nokuba angati bafuna amalungu  
amabini—elokumela Abatembu neloku-  
mela elase Mamfengwini.

U MR. S. S. MWAHLA: Umbulelo u Mr.  
Pamla ngenxelo yake, wati uvile ukuba  
aseko noko amanzila abubayo, yena uti  
ezintlanganisweni ngezibambisana ekuyibu-  
lalani lenkohlakalo.  
VICE-PRESIDENT: Wenze ibali le-  
si saziso sotywala ebonisa ukuba unganbu-  
tenga ngangentando nangoku uye nepe-  
pa; waqoshelisa ngokuti kulendawo uku-  
yo ngoku lomcimbi akaboni ukuba kuko  
into engenziwayo ngapandle kokuvaka-  
lisa usizi lwetu ngokusuka uluvo lwa-  
bantu lube yimpangalane kulomcimbi.  
Ngemali yotitshala ute asikulungile  
kakuhle kuyingena kuba imali yapeshe-  
ya kwe Nciba ayifani neyilizwe ubesu-  
ke nawupina umfundisi agalwe ngokwa-  
ke ati esisikolo sifanelwe yimali etile  
esiya yimali etile. Yilonto ezinye bezi-  
fumana amakulu eponi namashumi nge-  
sibhozo. Wenza ambalwa ngonyulo.

REV. E. MAGABA: Noko ambulelayo u  
Mr. Pamla ngokusichazela isimo selifa  
zwe unosizi ukubona ukuba abantu bap-  
eshuya kwe Nciba balele, bayanyakele  
amalungelo abo. Bangovuma zonke. Asi-  
nakwenza zwi ngemali yotitshala zakona  
kuba ukwapulwa kwayo ngu Rulumente  
wayedibene nabongameli bazo.  
MR. T. BOTTMAN: Lengxoxo kade ibo-  
nakala kwi Mvo umpeshuya kwe Nciba  
awubonakalisi nto. Simelwe kuzikataza  
ngawo kuba bakwasiti. Into embi kwe-  
lazwe kuteta izibonda zodwa ezimana  
ukutalwatsalwa zibhekiswa ngapa na-  
ngapa. Ititshala ezi niteta ngazo lusapo  
kwelazwe olungazelewe nto. Nalento yo-  
nyulo sibe sitye nje bafuna amalungu  
amabini bayiposile eyona nto inkulu  
yokuba ngobanina abayakuba ngabanyu-  
li. Ute, akona na amaxeko kwi Mutual  
Improvement Society?  
MR. PAMLA: Awako!  
MR. BOTTMAN: Afenele ukungabiko  
kuba akasiva Isingsi (u Mr. Pamla ute,  
ayasiva), nakwaziyo ukusoma ateta isi  
Bhulu sodwa (kwahekwa). Kuluzisi  
ukuti kanti i President namalungu entlan-  
gisweni yapesheya kwe Nciba abalwazi  
uluvo lwabantu belifa zwi ekubeni iji-  
ndawo yabantu bakuba nokubafundisa.  
Tina masenze konke okusemandleni etu  
ukuvusa nokuba satiywa.

zona zitumele abatusywa bazo kwi  
ntlanganiso enkulu," engeniswa ngu Mr.  
J. Tengo-Jabavu; (c) "U Rulumente makha  
tunyelwe incwadi yokumbulela ngenxa  
yendlela yoxolo neya nelisayo agqibe  
ngayo udushe obelusema Mpondweni;"  
ingeniswe ngu Mr. T. Bottoman. Eka  
Mr. Dlakia nge zohlwayo ezikuleni ibuyi-  
swe umva ngumnyiniyo.

Ingxoxo ezatunyelwa yintlanganiso eyayise  
Macfarlan eTyume kule zezi.— (a) "Umyalezo  
owanikelwa u Nobhala ukuba abhalele  
intlanganiso yapesheya kwe Nciba eve ukuba  
abantu belazwe bakusipina isituba ngeye ngxoxo  
yoku vulwa kwe bulandi; nango kumelwa e  
Palamente; nangoku totywa kwe mivuzo yo  
Titshala; nangoku guqula leya ntlanganiso ibekwa  
Lumanyano." (b) "Ku- ngenziwa ntonina  
ukwandisa ukufunda incwadi kwaba Ntsundu?"  
(c) Into efa- nelwe kukwenziwa nge Jubili yo  
Mntan 'Omhle;" (d) "Amalungu Omanyano makha  
linge kwindawo akuzo ukubhala imitandazo yoku  
chasa ibulandi iye ku Rulumente." (e) "Abapati  
abatsha bolu Manyano maba nyulwe kule  
ntlanga- niso."

**INGXOXO**

U REV. EBEN. MAGABA ute, Unobhala  
wolu Manyano makazibeke zonke incwa-  
di ezibhekiselele kumyalezo wentlanga-  
niso zase Rwarwa eyayite makabhalele  
i President ventlanganiso yapesheya kwe  
Nciba i "Mutual Improvement Society."

U MR. BEN SAKUBA Uchazile koyo  
ukuba incwadi yabhalwa into enge-  
kuye yimpindulo, kuvakala ukuba ya-  
tunyelwa ku Mongameli wo Manyano.  
Ute i President yase Gcuwa u Mr. Geo.  
Pamla ulundwendwe lwale ntlanganiso  
kusalungile ke ukuba acelewe asipe inteto  
apendula ngayo ku Mr. Makiwane.

U MR. J. J. JABAVU uvumelene nelo-  
kuba simve u Mr. Pamla.  
VICE-PRESIDENT: Pambi kokuba  
acelwe u Mr. Pamla ngekuke kuvike  
kumalungu ayeko e Rwarwa umpunga  
wento eyatunyelwa kuye.

REV. E. MAGABA: Emva kokuba sitye  
igusha ezintatu e Rwarwa singeba ngapi  
(kwahekwa), noko lingaxelwanga lonke  
inani letu, Umongameli wavelisa icebo  
lalencwadi kutetwa ngayo. Wonke uba-  
ni usasiakumbula isaziso esasivulela uselo  
lwebulandi pesheya kwe Nciba, kwaza  
kwako ntlanganiso enkulu e Gcuwa yo-  
kwakusha lonto. Okunene yacinywa esa-  
zisweni londawo ivulayo. Akwanela  
kuba abuvulwanga impela kwenziwa  
ituba lokuba bungafumaneka xa umntu  
aye nepapa lemvelulo. Ukuchasa lonto  
kuyakele imizamo yabafundisi bodwa  
nezinye izihlobo zabantsundu kwatshiwo  
e Palamente—ayibonakalanga imizamo  
yabantu bapeshuya kwe Nciba kweso  
situba ebulandini nangokumelwa e Pala-  
mente alivakalanga izwi labo.

U MR. J. J. JABAVU: okunene lwalu-  
njalo uluvo lwentlanganiso e Rwarwa,  
yayifuna uluvo lwapesheya kwe Nciba  
kuba uluvo lwabantu bakona lunexabiso  
njengolwaba lapa.

U MR. G. PAMLA: Ute eligama lobu Pre-  
sident limgqitile kuba kulindlele izinto  
nenteto ezinkulu ezizuma kulo angenzayo  
yena, uyakwenza mbalwa. Wayifumana  
incwadi ye President neye Secretary yolu  
Manyano. Ngokutotywa kwemivuzo yo-  
"Titshala belazwe baxoxa kakulu bechasa  
ngamandla ezintlanganisweni zabo aban-  
ceda nto yapulwa noko kwatitwa ipoti  
izimbini eshumi. Benza imizamo  
emikulu ngotywa. Abarwebi bacelele  
imvelo yenyanga ezintatu baxolela  
Ukubhatala imali yomnyaka betengisa  
ngezonyanga zodwa kodwa ngenxa ye-  
ngxolo eyenziwayo yati nento eninzi  
eyayiseyizini kwe Macfarlan ngenxa  
Inti ati akatandi kufane axoke ngayo luvu ne-  
simo sabantu bapeshuya kwe Nciba apo  
baqubela kona. Yona ibulandi ayitengi-  
swa, akuselwa, nangona beko abeyabo  
ngasese, lona inxila elipete ibotile unge-  
boni. Ngokudibana nolu Manyano ute  
eyabo ntlanganiso yahlukile kulo, kuba  
yona yeyokunceda iziqu zabo. Akutetwa  
sixhosa kuyo, nokuba ilungu alizisi iku-  
ngesi linyanzelwe ngumteto kulo lisi-  
mshe xa litetayo (kwahekwa), ekubeni  
kule yo Manyano kutetwa Isingsi ne Si-  
xhosa ngokufanayo. Wazilungiselela  
ukuba kubonela ukupatwa kwentlanga-  
niso ukuze abikele amapeshuya kwe Nciba  
babone into abangayenzayo kuyo uku-  
zimanya nayo nokuzimela bodwa. Ngo-  
kumelwa e Palamente abazange baxole-  
lwa nokuba angati bafuna amalungu  
amabini—elokumela Abatembu neloku-  
mela elase Mamfengwini.

U MR. S. S. MWAHLA: Umbulelo u Mr.  
Pamla ngenxelo yake, wati uvile ukuba  
aseko noko amanzila abubayo, yena uti  
ezintlanganisweni ngezibambisana ekuyibu-  
lalani lenkohlakalo.  
VICE-PRESIDENT: Wenze ibali le-  
si saziso sotywala ebonisa ukuba unganbu-  
tenga ngangentando nangoku uye nepe-  
pa; waqoshelisa ngokuti kulendawo uku-  
yo ngoku lomcimbi akaboni ukuba kuko  
into engenziwayo ngapandle kokuvaka-  
lisa usizi lwetu ngokusuka uluvo lwa-  
bantu lube yimpangalane kulomcimbi.  
Ngemali yotitshala ute asikulungile  
kakuhle kuyingena kuba imali yapeshe-  
ya kwe Nciba ayifani neyilizwe ubesu-  
ke nawupina umfundisi agalwe ngokwa-  
ke ati esisikolo sifanelwe yimali etile  
esiya yimali etile. Yilonto ezinye bezi-  
fumana amakulu eponi namashumi nge-  
sibhozo. Wenza ambalwa ngonyulo.

REV. E. MAGABA: Noko ambulelayo u  
Mr. Pamla ngokusichazela isimo selifa  
zwe unosizi ukubona ukuba abantu bap-  
eshuya kwe Nciba balele, bayanyakele  
amalungelo abo. Bangovuma zonke. Asi-  
nakwenza zwi ngemali yotitshala zakona  
kuba ukwapulwa kwayo ngu Rulumente  
wayedibene nabongameli bazo.  
MR. T. BOTTMAN: Lengxoxo kade ibo-  
nakala kwi Mvo umpeshuya kwe Nciba  
awubonakalisi nto. Simelwe kuzikataza  
ngawo kuba bakwasiti. Into embi kwe-  
lazwe kuteta izibonda zodwa ezimana  
ukutalwatsalwa zibhekiswa ngapa na-  
ngapa. Ititshala ezi niteta ngazo lusapo  
kwelazwe olungazelewe nto. Nalento yo-  
nyulo sibe sitye nje bafuna amalungu  
amabini bayiposile eyona nto inkulu  
yokuba ngobanina abayakuba ngabanyu-  
li. Ute, akona na amaxeko kwi Mutual  
Improvement Society?  
MR. PAMLA: Awako!  
MR. BOTTMAN: Afenele ukungabiko  
kuba akasiva Isingsi (u Mr. Pamla ute,  
ayasiva), nakwaziyo ukusoma ateta isi  
Bhulu sodwa (kwahekwa). Kuluzisi  
ukuti kanti i President namalungu entlan-  
gisweni yapesheya kwe Nciba abalwazi  
uluvo lwabantu belifa zwi ekubeni iji-  
ndawo yabantu bakuba nokubafundisa.  
Tina masenze konke okusemandleni etu  
ukuvusa nokuba satiywa.

MR. SAKUBA: Lento iyivoti inzima,  
nakwelilizwe isand' ukwenziwa eNgku-  
le, e Dikeni, nase Nkukwe ngenxa  
yemizamo yomntu omnye mhlambi aba-  
mbalwa abayiqondisileyo. Lengxoxo  
ingapaya kwengqondo zabantu bapeshuya  
kwe Nciba nabambalwa abayaziyo aba-  
kawkazi ukushumayela. Nale ntlanga-  
niso yo Titshala kufuneka ike iyifundi-  
swe. Noko bayivayo emapepeni ngama-  
nkentenkenke avakal' emnandi abange-  
nakwenza nto ngawo. Pambi kokuli-  
ndelwa ukuba bayishumayele ivoti ma-  
baqale bayifundiswe.

SILWANGANGUBO: Ndiyaqonda ukuba  
ndihambele into ngoku. Ndibe ndilu-  
tshaba olukulu lo Manyano Ngemfundo  
ndoyiswe zizenzo nayinyaniso zalo. Le  
ntlanganiso inentshabela ezinkulu, ngoku-  
kodwa kwabafundileyo.—Isiseko sentla-  
lo yetu yivoti. Ndidanile kukubona  
inxenye yetu bantsundu isiti masipume  
kwinto zolaulo singabi nazwi kuzo. Im-  
andiseni kakulu into ka Rev. P. Mzimba  
ayenze e Simnareni e Dikeni ngo No-  
vember, yabonakala ngesi Ngesi kwi  
Mvo ye 30 Dec., 1886, inteto etu makakwe-  
lele umntu omnyama kwindawo zolaulo  
aziyekule umlungu yedwa ukuze silu-  
ngelwe. Bekusakuti kudalainja yakuba  
lisela ibotshelwe umgoqo entanyeni  
oyakuyitintela yakufun' ukungena nga-  
maroba. Lamakulu mahlanu eponi abe-  
kwa pezu kwevoti yabantu abamnyama  
base Transkei ngumgoqo wokubatinela  
emalungelweni abo. Into engeyisetyen-  
zwa kwungenisa amagama encwadini  
yabanyuli.

REV. E. MAGABA: Ipesheya kwe Nciba  
ligutyungelwe yingubo yobudenge  
nonyunama ofundileyo uti akuya kona  
bumvelle. Balele, balele bonke. Kodwa  
ke zona izitshala zoyika ukukatswa.

U MR. J. J. JABAVU: Le ntlanganiso ma-  
yiyifundise leya yase Transkei.

U MR. BOTTMAN: Ulutsha lwapesheya  
kwe Nciba aloyiki kukatswa, lutata kwa  
umkondo woyise ukungazikatsi ngento  
zolaulo — "Umvundl' uzek' indlela."  
Ixesha lokubashumayeza ligqitile, seku-  
funeka inteto ebukali yokubavusa siya-  
valvelwa e Palamente, kuba ngala £500  
kunganyula abantu abahlanu ka kwela-  
zwe abanjengo Ndaba no Feltnan kanti  
xa nga kusenziwa ubulungisa abantu  
abamnyama ngebekelwa ishumi leponi  
umlungu abe £25 kuba tina asinamali.

VICE - PRESIDENT: njengokuba  
intloko ka Rulumente u Sir Gordon  
Sprigg elapa e Rini ngoku makutunyelwe  
abanyulu balentlanganiso baye kudiba-  
naye ngalengxoxo. I Transkei yi  
Ngilane yetu simelwe kuyilungiselela.  
Watelela u Silwangangubo no Mr. Dlakia  
u Mr. Bottoman esekelwe ngu Rev. E.  
Magaba wacebisa ukuba abatusywa  
abo maza bapatiswe nezinye ingxoxo  
ezilalisa umzi ontundu ngapandle kwale  
yokumelwa kwe Transkei e Palamente.

U MR. S. NIKILO: xa into seyite  
intlanganiso mayenziwe akufuneki nta-  
ndabuzo. Nezikatsi kuteta ngazo nokuti  
lonto abayifuni banyanzelwe azinamse-  
benzi fumane kwenziwa amalungelo obu-  
gwala nje.

**ABANYULWA.**

Kuvunyelwene ukuba kutunyelwe isi-  
ne ku Sir Gordon. Lalelo ilungu labhala  
amagama amane cpetshana elicinga  
ukuba afanelekile. Kwanyulwa o Messrs.  
J. Tengo-Jabavu, T. Bottoman, B. Sakuba,  
no Rev. E. Magaba.

**INCWADI ZABA NTSUNDU.**

Lengxoxo yayi petwe yintlanganiso  
yaba Fundisi bama Hlelo eyayise Qonce  
ayali ndawo igqiba kuyo. Umanyano  
luncedisisa oko cebo. Emva kokuba u  
Rev. E. Magaba ewutshilile umoya we  
ntlanganiso yase Macfarlan ngale ngxoxo  
kutete o Messrs Siwangangubo no S. Ni-  
kele abate kufuneka incwadi ezizuma  
ezingqondweni yimfeketo o"Nomgogo-  
go" no Uvela jina Fanti" kufuneka  
incwadi eziya kuyirweba ingqondo yom-  
lesi.

REV. E. MAGABA: kukucinyiswe  
into esentliziyweni yake le. Makumiswe  
ikomiti eyomelelelo iyikangela lengxoxo  
amutaba ayoyi.  
VICE - PRESIDENT: uyatamba  
ukuba konyulwa ikomiti eqinileyo  
etamba ukuba yopumelele; yena noko  
ubabona abantu Abantsundu bengaku  
ginyeli mate ukulesa. Ngati nokuba  
zide zaka ezonwandi zininzi azikuba naba  
lesi, kuba nabafundileyo baya ngena  
ukulesa. Angkeze uyibone i Titshala  
iqondele encwadini ngapandle kwase  
Abantsundu ke baqaliswa.  
Amawetu anqena

ukukutalela ukulesa.  
ukulesa indaba zekoranti zemihla ngemi-  
hla, eziteta ngamalungelo eziqubalo,  
banokutinina ke ukunoncelamabali  
amanyange nokulungiselela izizukulwana  
ezi zayo.

MR. MWAHLA utelele. Ikomiti enyu-  
lelwe lomsebenzi ngo Revs E. Makiwane  
P. J. Mzimba, E. Magaba, Messrs Tengo-  
Jabavu, P. Tyamzashé, W. K. Nsikana  
A. Gontshi, no I. W. Wauchope oyakuba

**I JUBILI YO MNTAN'OMHLE**

Kugqitywe kwelokuba lomcimbi unyu-  
lelwe i komiti yoku kangelana into enge-  
nziwayo lolu Manyano. Ibe ngo Revs.  
E. Makiwane, P. J. Mzimba, W. B. Ru-  
busana, Messrs Tengo-Jabavu, B. Sakuba  
no P. Tyamzashé banikwe igunya loku  
wuquba lomcimbi nelokuhlomela kweli  
nani labo.

**UBUNXILA.**

U MR. I. W. WAUCHOPE: Ute lengxoxo  
yokuba amalungu olu Manyano makabha-  
lele kwindawo akuzo imitandazo echase  
utywala ngeyike iyekwe ukuxoxwa lude  
lukekezeke Umanyano njengokuba luza  
kukekezeza, amalungu angamnye aka-  
nazi tozela zamalungu kwindawo akuzo.  
Yena umzi Nobhala we ntlanganiso yaba  
zili woka ayingenise lendawo kuyo.  
VICE - PRESIDENT: Uvumelene no  
Mr. Wauchope, wangeniswa icebo lokuba  
nalo umcimbi ngeyikwika abatusywa  
abaya ku Sir Gordon. Yavuma intlanga-  
niso.

MR. WAUCHOPE: kuko into enga-  
qondwayo ngama kowetu xa kubhalwa  
lemitandazo iya ku Rulumente. Into  
ebangela ukuba ati noko selemanzini  
amagama abahlwayo angabi namsebenzi.  
Into elungileyo kukuba kutengwe ama-  
pepa ohlolo olutle okubhala imitandazo  
ukuze kungabiko mposiso.

Intlanganiso ivumlene ukuba i Bhayi  
ne Rini ne Qonce zibute imali yokulu-  
ngiselela amapepa emitandazo itunyelwe  
ku Nobhala u Mr. Sakuba e Qonce  
azapelele kuye ngaba bhala amagama.

**IPASI.**

U MR. W. M. JOKOZELI i Pasi ayika-  
hlukani nati noko kutiwa ayiko Emte-  
tweni, mayinikwe abatusywa abaya ku  
Sir Gordon. Kwavunyelwana.

**INGXELO ZE KOMITI.**

Akubangako ngxelo. Intlanganiso ya-  
vukalisa ukukalaza kwayo okukulu nga  
kwi Komiti epete olu Manyano ukuba  
ekupeleni kwexesha layo ingenzingxelo  
ngobu gosa bayo.

**IBALI LABA NTSUNDU.**

Amanene ayenulwe ukubhala iBali  
laba Ntsundu o Rev. P. J. Mzimba ;  
Messrs W. W. Gqoba; W. K. Nsikana  
no Alex. M. Njokweni akomelelanga  
kulowo msebenzi abengeko onke akaba  
nenxelo ayitumelayo kanjakaqo.

Abatusywa koyintloko yo Rulumeni u  
Hon. Sir J. G. Sprigg, babe nokudibana  
naye ngokwesi-Tatu ukumka komhla. Si-  
balisa ngokufutshane.—

**INGXELO YABA TUNYWA**

Kucelwe u Mr. B. Sakuba ukuba apa-  
kele intlanganiso udaba lokudibana kwa-  
ba tunywa no Sir Gordon Sprigg.  
Ute: Into yokuqala abayenzileyo ku-  
kumxhumisa u Sir Gordon ngenxa ye-  
ndwe atweswe yona yi Nkosazana  
yokuba namhla emgasengayo u Mr.  
selengu Sir. Kulandele incwadi epuma  
entlanganisweni yoku bulela u Rulume-  
nte ngokulungqiba kakuhle kangaka  
oludushe beluse Mampondweni, no-  
mqnqeno wokungena lomoya upolileyo  
obonakaliswe empaweni yoludushe wa-  
ngamama ungasi similo sika Rulumente  
kuyo impato yake yaba Ntsundu.

Ipendule ngengeto ende u Sir Gordon  
intloko zayo ebulela ukuba kwaba tu-  
nywa kuye kuba ebakangelela ukuba be-  
lapo nje bamele zokulele izizwe ezintsu-  
ndu: yaye lonto iyakudala invisi-  
sivawo pakati ko Rulumente nabantu  
abamnyama. Wabulela nendawo yoku-  
ba siliqonde iwonga alinikweyo, watsho  
esiti Inkosazana ipete intlanga ezininzi  
ezimhlope nezimnyama, kwelilizwe ke  
nguye opatele Inkosazana. Empatwe-  
ni yake akafuni mketo, ufuna ukubapata  
bonke abantu be Nkosazana ngokufanayo  
Wamfunda esemncinane umntu omnyama  
waza wamtanda yonke into ayenzayo  
ulinga indlela zokumnyusa ngentlalo  
ngobu Krestu, nange mfundo. Okunene  
ake ako amaxesha amabi ekute emalinge-  
ni ake kwako ubugqungqudu, kodwa  
ke into eziduleyo zeziduleyo mazi-  
ngeswatywe sikangela pamfili. Xa kuko  
isiroo kubantu abamnyama mabeze nge  
ziqu ku Rulumente okanye bambhalele  
ngokwabo, lonto yokwenzelwa ngaba  
Fundisi nabanye abantu abati bazizihlo-  
bo zabo iyampitilizwa u Rulumente  
anga yazi apo ikona inyaniso. Ngeku-  
liwama Mpondo ukuba yena Sir  
Gordon angali kuba olu laulo lwake lu-  
lalo lolxolo, Namaxesha ayatembisa  
ngati Umdlali uya ncoma pezu kwetu  
ngoku lungisa inveliso yomhlaba.

Mayelana nevoti singavakalisa.  
INGXOXO NO SIR GORDON SPRIGG.  
U MR. TENGO-JABAVU ungenise ingxoxo engo  
kumelwa kwe Transkei e Palamente. Wati  
kukomteto owawu singetwe libandla le Palamente  
ngokuba Ogqitileyo. Ute lowo mteto wawu calula  
ibala kuba wawumisele ukuba Ontsundu angabi  
nguye umvoti ngalo lonke ixesha engekabi  
namhlaba nendlu exabiso liyi £100, kanti omhlope  
ngokhale enaza ezonto zikwixabiso le £25.  
U SIR GORDON SPRIGG ute ukupe- ndula abantu  
bapeshuya kwe Nciba base panti, abakafanelwa yi  
voti, nakweli- lizwe basaqutywa ngokwe gusha  
Abantsundu ukuya kuvota bengayazi neyona nto  
bayenzayo. Kwinto zoluhlobo batembele kuba  
Fundisi nakube Lungu be venkile. Kanti ivoti  
yenzelwe ukuba ulowo nalowo avakalise ngayo  
umxhelo wake ngoku patele kwicimbi esazeké isi-  
ngetwe ngumzi.

U MR. TENGO-JABAVU upendule wati mayelana  
nokuvivisana nokungavivisani kwengxoxo ngaba  
Ntsundu, yinto eyaze kayo ukuba nakwaba Mhlope  
bako ka- kulu abangagqibileyo ukuziqonda ingxo-  
xo esazeké zisingatwe ngenxa lokuvota Londawo  
ngoko ayimandla mali. Abantsundu balinikwe  
ilungelo levoti bengekaliqondi baza abasebenza nto  
ngalo, nabate banoffi ngalo abakalonakali.  
Yanelo iminyaka benyula amalungu e Palament  
Abantsundu, akukabiko nalinye ilungu  
abulinyulileyo elite layixesha lonkundla.

U SIR GORDON SPRIGG ute Abantsundu base  
zingxungu (barbarians) ngoko abanjalo  
abakafanelwa kukuba uluvo lwabo luvakaliswe  
kwinkundla enganga- leyo ye Palamente. Ngemihla  
yonyulo baya fundiswa amagama abadyarcelenya  
u MR. TENGO-JABAVU ute umnumzeto  
woyivuma yona into yokuba aba baribari belilizwe  
bahlukile kuba baribari bamanye amazwe  
abantloko zixineneyo; abeli bebenombuso wabo  
wenkosi onghahlake kuyapi kulo wama Ngesi.  
Amapakati Enkosi anokulinganisela namalungu e  
Palamente. Abantsundu beli babonisile kanjako  
ukuba abalibatini ilungelo loku vota  
bengekaliqondi, ngabulatabata abalonakalisa  
nganto. Yena usangqinelana noluvo luka Sir Gor-  
don awaluvakalisa e Monti ngo 1877 nga-  
lomcimbi.

U MR. GORDON SPRIGG ute lonteto  
uyayikumbula kakuhle. Bayazina abatusywa  
ukuba Abantsundu abayifuni bengayikatalele  
ivoti. Bangaba bayamazwi u Rev. P. J. Mzimba wase  
Lovedale, ute yena walesa kwi "Mvo" inteto  
yalom Fundisi ubekhekileyo aye kuyo Abantsundu  
ngegubema bangabi nanto yokwenza nento  
zolaulo; ngebeyekela Omhlope ukuba alaulo.  
Lenteto yena uyimandipe lunene, kuba estiti  
Omhlope unokumhlala ngemfanelo nangobubele  
Ontsundu. Luyintonina uluvo lwaba tunywa ngale-  
ndawo ?  
U MR. TENGO-JABAVU ute olwake uluvo  
alungqinelani noluka Mr. Mzimba uziva enako  
ukuyipendulela umzi Ontsundu. Nawo  
awusungqinelana nalowo Mfundisi  
ubekhekileyo. U Mr. Mzimba wenze umlinganiselo  
ngaba Ntsundu base America abantlalo nebali  
lahlukileyo kwelaba Ntsundu belu.

U SIR, GORDON walate ku Mr. Bottoman ukuba  
yena utinina ngengeto ka Mr. Mzimba, upendule  
wati akavumelani naye ubhekise ku Mr. Sakuba ote  
umcha- se kanye u Mr. Mzimba.—Ngo quarter to 4  
kufike osi Sandla kwabonakala ukuba abatu ywa  
bahlukane no Sir Gordon ukuba ubenomnqoppiso  
kwenye indawo, ute usakolwa mabe abatusywa  
babuye bafike ngo 9 kusile. Babekuti  
makugqitywe

abatusywa kuba bemka kwanini ngomso  
wati lomsebenza bangawo mkulu kuma-  
lowo basusela emakaya. Kwaba kuya-  
vun

isilingo sikwelelwe kubo, kanti kwinto ezi-njengokuhlutwa kwemipu nevoti bacalulwa bebengazicelanga? Akuko mntu uyakusirizela esi sicelo.

U SIR GORDON ute into yokuba ontsundu aye eluzizana e Palamente ecela ukuba ukuba makakuselwe ngomteto iyakubonisa ukuba ontsundu ubutataka ngumntwana, aze amadoda alonkudla usezintweni zevoti ati makapatwe njengomntwana.

